

Mamela umzimba wam 2

Noni
isiXhosa

Namhlanje andiyi
esikolweni.

Yiholideyi!




Namhlanje andizokubukela
mabonakude.

Kuhleli kungekho mbane!



Ndizakwenza ntoni
kanene?

Namhlanje ndizakumamela
umzimba wam!



Kuqala, kufuneka ndithule.
Ndithule cwaka.

Ukuze ndikwazi
ukumamela umzimba
wam.



Ewe, ngoku ndiyawuva
umphefumlo wam.

Phakathi.... phandle....
Phakathi.... phandle....



Kwaye ndiyakwazi
ukuphefumlela phezulu...

Haaaaaaaa!

Naphantsi
Mmmmmmm.




Kwaye ndiyakuva
nokubetha kwentliziyo
yam!

Gu, Gu, Gu, Gu.



Ingaba ndikwazi ukwenza
intliziyo yam ibethe
ngokukhawuleza okanye
ibethele phezulu?

Ewe, ngokuthi
ndixhumaxhume amatyeli
angamashumi amabini.



Jonga ngoku, intliziyo yam
ibetha ngokukhawuleza.

Gugum, gugum, gugum!



Kwaye xa ndibeka iminwe
yam esihlahleni sam
ndiyakuva ukubetha
kwentliziyo yam!



Kwaye ndiyaziva ndihleka

Kkkkkkkkkkk!



Ndilila

Aaaaaaaaaaa!



Ndiqhwaba

Qhwa qhwa qhwa.



Ngapha koko – ndiyasiva
isisu sam sigquma

Grrr, grrr, grrr...



Sisithi ndityise, ndityise.



Nempumlo yam iyakwazi
ukuva ivumba
lamaqebengwane
abhakwayo egumbini
lopheka likamama.



Kuyonwabisa ukumamela
umzimba wam.

Kwaye ngoku ndifuna
ukuva imihlathi yam
ihlafuna.



Nesisu sam sibimbiliza
amaqebengwane kamama
ashushu kamnandi!



Mamela umzimba wam 2

Writer: Noni

Illustration: Angie & Upesh

Translated By: Nokuthula Bernelee Dyonase


Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the
illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



Pratham Books is a not-for-profit organisation that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See www.prathambooks.org.



South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org

A Saide Initiative